



Ikamva-Ukunonophela  
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Ukudlula kwexesha labapostile**

# Isikhokelo soMzali

## Isikolo seCawa saseKhaya



# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwifundo sesiQinisekiso 1 esithi “**Ukudlula kwexesha labapostile**”.

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

## Uzilungiselela usibele njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonko elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: <a href="https://bit.ly/3NACSSH">https://bit.ly/3NACSSH</a></p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"><li>• iBhayibhile</li><li>• Isifundo esikwimo yePDF eselete ilungisiwe</li><li>• Incwadi yomsebenzi womntwana kanye neepensile, iikhrayoni, njl.</li><li>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziwego / sisixhobo esongezelwego sokuzikhethela</li><li>• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso)</li></ul> <p><b>Qaphela:</b></p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemvu kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelanelo notitshala wesiqinisekso ukuba ufunu naluphina uncedo okanye ufunu nasiphina sisixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



# Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekaka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apha wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. <b>Umzekelo:</b> Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono Iwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kune nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



## Isifundo

**Isihloko seSifundo**

Ukudlula kwexesha labapostile

**Imibhalo yeBhayibhile**

Isifundo seBhayibhile esibhalwe kwisishwankathelo sesifundo ngezantsi

**Injongo yesifundo**

Abantwana bafunda ngendlela ibandla lamaKristu elakhula ngayo emva kokubhubha kwabaPostile bokuqala.

## Isishwankathelo sesifundo:

### **Intshayebole**

Ngelixa uYesu wayesemhlabeni, wabelana ngecebo losindiso lukaThixo ngabantu. UYesu wayenokufikelela kuphela kubantu abambalwa. Xa uYesu wafayo, wamisela isiseko sosindiso kubo bonke abantu. Wathuma Abapostile njengoonozakuzaku baKhe: "Hambani ngoko niye kuzenza abafundi zonke iintlanga" (Mateyu 28: 19). Nabo abazange babenako ukufikelela kubo bonke abantu.

Kule veki sibuza lo mbuzo: "Kwenzeke ntoni emva kokufa kompostile wokugqibela webandla lokuqala?

### **BabVeleli baba lelona gunya liphezulu lasebumoyeni:**

- Ixesha lokufa koMpostile wokugqibela (malunga ne AD 100) kude kube ngumnyaka ka 400 libizwa ngokuba lixesha lasemva kobupostile ixesha lobuKrestu bokuqala.
- AbaVeleli bathabatha uxanduva emabandleni, bawakhathalela, baqhubeka nokusasaza ivangeli kaYesu.
- Abaveleli bexesha lasemva kwexesha labapostile, babamba iintlanganiso baxoxa ngemicimbi yecawa kwaye bathabatha iziggibo zokuqinisekisa ubunye bemfundiso.
- Baseka imigaqo esisiseko, enje ngemfundiso yoThixo oziu ziThathu, ezaziyimfuneko kwinkolo yobuKrestu: IsiVumo soKholo saseNicaea-Constantinople amaxwebhu enkolo yobuKrestu:
  - Onke amabandla amaKrestu noluntu luyakholwa kuThixo oziu zithathu.
  - Bayakholwa kuThixo uYise, kuThixo uNyana nakuThixo uMoya oyiNgewe.
  - Ibandla elinye elingcwele [lobukatolika] nebandla lobupostile.

### **Ukutshutshiswa kwamaKristu:**

- Abalawuli baseRoma ngelo xesha babeka ukubaluleka okukhethekileyo kwinkolo njengoko oko kwakunceda ukomeleza ubukhosu babo.



- Impumelelo yezopolitiko zaseRoma yayixhomekeke kubantu abakhonza oothixo abahlukeneyo (izithixo). Yayiyindlela yokulawula ukucinga kwabantu.
- AmaKrestu, nangona kunjalo, ngenxa yokweyiseka kokholo Iwabo (oko kukuthi, uThixo ophilayo ikwanguye kuphela uThixo) bala ukwamkela izithixo zabahedeni.
- AmaKrestu amaninzi abulawa ngokukhohlakeleyo (ngokubethelelwa emnqamlezweni, njengokutya kwezilwanyana kumabala emidlalo, okanye atshiswe njengezikhuni zomlilo) kuba ayengamnquli umlawuli nothixo wakhe.
- Abanye babegculelwa kwaye benyeliswa ngabanye abantu babo

#### **Idabi lokholo kanye nokuqiniseka kokholo.**

- Ngokungafaniyo nexesha esifundiswe ngalo namhlanje, sihlala kwilizwe apho sinenkululeko yenkolo. Nangona kunjalo, kukho amazwe apho amaKrestu atshutshiswayo kwaye abulawe.

#### **Ingaba wakha wagculelwa ngenxa yokholo Iwakho?**

- Ngamanye amaxesha sizifumana sikwiimeko ezifuna ukuba sicacise ukuba simi phi na kwaye sivalalisa ngokholo lwethu.
- Ukuvakalisa ngokholo lwethu kungakhokelela kwimbambano – mhlawumi wakhe wanamava ngoku esikolweni okanye kwiimeko zentlalo - mhlawumbi uxinzelelo loontanga!
- Nangona kunjalo, sisoloko sifuna ukuluvakalisa ngokulula ukholo lwethu.
- Njengabantwana bakaThixo, sinokuqiniseka ukuba uBawo wethu wasezulwini uyakuma nathi.
- Akufuneki soyike namnye umntu. UMateyu 10: 32 "Wonke umntu ngoko oya kundivuma phambi kwabantu, ndiya kumvuma nam phambi koBawo osemazulwini."

## **Sithetha ukuthini esi sifundo sithetha kuthi namhlanje?**

- UYesu watyhila icebo likaThixo losindiso kwaye ngokufa kwaKhe waseka ikamva lethu kunye naye kanye nobawo wethu wasezulwini.
- Abapostile belixesha bayaqhubeka ukufundisa nokulungiselela amaKrestu ikamva kunye noThixo.
- Ubomi bamaKrestu amaninzi batshintsha ngenxa yemfundiso kaYesu, kunjalo ke nanamhlanje.



- AmaKrestu amaninzi atshutshiswa kwaye abulawa ngenxa yeenkolelo zawo ngelo xesha.
- Ndifuna ukuvuma kwaye ndiphile ngokholo lwam kwaye ndingoyiki ukugezelwa okanye ukwaliwa ngabanye abantu. (utshutshiswa)

## Le yimibuzo neempendulo ezikwincwadi yomsebenzi

### 1. Kwadlula ixesha elingakanani emva kokufa kukaYesu, ingaba abaPostile baqhubeka nokukhokela amaKrestu?

**Impendulo:** Asazi xesha ngqo kodwa malunga neminyaka eli-100 emva kokuzalwa kukaYesu

### 2. Kwenzeka ntoni emva kokufa kwabapostile?

**Impendulo:** Oobhishophu ecaweni ngelo xesha bathatha uxanduva lokomoya nolungiselelo lwecawa. Kodwa kubalulekile ukuba wazi ukuba nangona abapostile bexesha bafa, ubufundisi abufanga. Ngexesha lonyaka, uya kufunda ngakumbi malunga nomsebenzi wobufundisi babaPostile kufutshane nexesha lethu.

### 3. Babetshutshiswa njani abantu ngelo xesha?

**Impendulo:** AmaKrestu abulawa ngokukhohlakeleyo (ngokubethelwa emnqamlezweni, njengokutya okuphilileyo kwezilwanyana kumabala emidlalo, okanye atshiswe njengezikhuni eziphilayo).

### 4. Ngubani owayalela ezi ntshutshiso?

**Impendulo:** Ubukhulu becala abalawuli baseRoma. Ukuba unomdla, phanda aba balawuli balandelayo: uNero, uConstantine, uTheodosius, uDecius, uDomitian noDiocletian.

### 5. Ingaba kunzima ukuqonda ukuba abantu bangakulungela ukufela iinkolo zabo?

**Impendulo:** Ewe, amandla ethu okuphila anamandla kwaye singenza nantoni na ukuze siphile, nokuba sixoke ngento ebalulekileyo njengeenkolo zethu. Kodwa, ukuba siyayibona kwimeko yexesha, kukho inani leziganeko ezenzekileyo ezsinceda ukuba sibe nengqondo. Unyana kaThixo walitshintsha ihlabathi ngeendlela ezingenakulinganiswa. UYesu wayisasaza ivangeli kuye wonke umntu. Abantu abayamkelayo imfundiso nemigaqo kaKristu bayaphawulwa. La maKrestu ayephathana ngendlela efanayo kungakhathalekile ukuba zithini na imeko ekuhlalen, nokuba zizityebi okanye ngamahlwempu, iinkosi okanye amakhoboka. Wonke umntu ebandleni wayelingana. Oku kwatsala abantu abaninzi abaqhelekileyo. Ukuvuma kukaKristu ukungoyiki kokholo lwabo kwenza abanye bazibuze ngamandla kune nethemba eliphefumlelwego kula maKristu. AmaKrestu ayekulungele ukufela ukholo lawo.



## Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

*Thixo othandekayo, enkosi ngale mini*

*Sikelela bonke abazali kune nabantwana*

*Kunga singeva ubukho bakho*

*Sikelela isifundo esiya kuba naso*

*Nceda usifundise sikukhonze njani*

*Kwaye sincede senze intando yakho*

*Ukuze sisondele kufuphi kuwe*

*Thumela uYesu ukuze asiphuthume*

*Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe*

*Amen*